Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2019

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P2
# ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

**AMANQAKU: 80**

Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-19.

## EMAKUQATSHELWE XA KUMAKISHWA

- Esi sikhokhelo sokumakisha silungiselelwe ukuba ibe sisikhokelo kubakorekishi.
- Esi sikhokhelo sokumakisha siza kuxoxwa nesigqeba sokukorekisha phambi kokuba
  kuqalwe ukukorekisha kumaziko okukorekisha.
- Iimpendulo zabaviwa kufuneka zinikwe ingqwalasela ngokokufaneleka kwazo.

## IZIKHOKELO ZOKUKOREKISHA

1. Xa umviwa ebhale iimpendulo ezingaphezulu kwezilindelekileyo, makisha impendulo esekuqaleni kuphela. **(Umviwa akuvumelekanga ukuba aphendule umbuzo osisincoko nombuzo omfutshane kudidi olunye kwijenri enye.)**

2. Xa umviwa ephendule yomine imibuzo kwiCANDELO A (imibongo efundisiweyo), korekisha kuphela emibini yokuqala.

3. Xa umviwa ephendule imibuzo emibini emifutshane okanye imibuzo emibini esisincoko kwiCANDELO B nakwiCANDELO C, makisha umbuzo wokuqala kuphela ungawuhoyi owesibini. Ukuba umviwa uphendule yomithathu imibuzo (kwiNoveli/kuNcwadi Lwemveli) okanye yomine imibuzo (kwiDrama), korekisha kuphela impendulo yokuqala kwiCANDELO ngalinye, xa kwenzekile ukuba uphendule umbuzo omnye omfutshane nomnye osisincoko.

4. Xa umviwa enike iimpendulo ezimbini ibe eyokuqala ingachanekanga, elandelayo ichanekile, korekisha eyokuqala **ungayihoyi** elandelayo.

5. Xa iimpendulo zinonjolwe ngokuchanekileyo, korekisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemorandam.

6. Xa upelo olugwenxa luguqula intsingiselo, yihlabe loo mpendulo. Xa intsingiselo ingaguqukanga ngenxa yopelo olugwenxa, yimakishe loo mpendulo.

7. *Imibuzo esisincoko*

   Xa impendulo yombuzo osisincoko imfutshane kunoko kulindelekileyo ngokwenani lamagama, musa ukumohlwaya umviwa kuba sele ezohlwaye ngokwakhe. Xa impendulo yombuzo osisincoko inde kakhulu, phicotha ngokwempendulo ayibhalileyo wandule ukuyigqithisela kumkorekishi ophezulu. Sebenzisa irubriki yokuhlola ekwisihlomelo esinguA nesinguB ukuhlola izincoko zabaviwa.

8. *Imibuzo emifutshane*

   **Musa ukumohlwaya** umviwa ongasebenzisanga iimpawu zocaphulo xa ecaphula.

9. **Kwimibuzo evulelekileyo,** musa ukunika amanqaku ngoHAYI/EWE okanye ngoNDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Korekisha impendulo exhasayo.

10. Akukho manqaku abelwa uYINYANI/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO. Makisha impendulo exhasayo.

11 Iimpendulo zemibuzo emifutshane mazihlolisiswe ngokupheleleyo kwayanywe kwiingxoxo eziqhubeke ngexesha lobekomgangathweni lwesikhokelo sokukorekisha.

**ICANDELO A: ISIHOBE**

**ISINGQI SENKULUNGWANE: P.M. QANGULE – M.G. MDLIVA**

**UMBUZO 1 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**ISELULA: M.G MDLIVA**

**Amanqaku ali-10 ewonke kulo mbuzo. Ama-6 ngawomxholo aze ama-4 abe ngawolwimi kunye nesimbo.**

**Sebenzisa irubrikhi esisihlomelo A.**

- Sebenzisa ezi ngongoma zilandelayo, njengesikhokelo sokukorekisha lo mbuzo.
- Iimpendulo zinokwahluka ngokuxhomekeka kwindlela umfundi awuve ngayo umbongo.
- Sebenzisa irubrikhi yokumakisha isincoko sesihobe esekupheleni kwesi sikhokelo ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi kulindeleke ukuba achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo**

- Kumqolo woku-1 Imbongi isebenzise isikweko, igama ‘injuze’ ngokwakwaXhosa lithetha umntu oyincutshe ekubalekeni, Ngokwalo mbongo liphuhlisa indlela ekhawulezisa ngayo ukuhambisa iindaba iselula. Ikwaphuhlisa ukuba ikhala naphi na xa ifowunelwa naphakathi kwabantu abebengalindelekanga ukuba bazive ezo ndaba, Kwaye iyakwazi ukubiwa ngumntu atyhile imiyalezo ebingafanelanga kufundwa ngabantu. Umqolo wesi-2 ukuya kowesi-3 uphuhlisa ukuba akukho apho ingafikeleli khona iselula kwaye ayiphumli isebenza ngawo onke amaxesha.
- Umqolo wesi-5 uphuhlisa uvuyo/ulonwabo oluziswe yiselula kubahlobo kuba ukufika kwayo kwenze kwabalula ukunxibelelana. Umqolo wesi-6 utyhila ukuba kusenokuba luvuyo kwabanye kube kuziinyembezi kwabanye kuba iselula ayihambisi iindaba ezimnandi kuphela kodwa nezimbi iyazihambisa. Umqolo wesi-7 uphuhlisa ukuthenjwa kweselula luluntu njengoko uninzi lungasakwazi ukuhlala ngaphandle kwayo.
- Kumqolo wesi-8 imbongi isebenzise isifaniso ukuphuhlisa ingxolo eyenziwa yiselula xa ifowunelwa okanye kungena umyalezo. Imbongi ikwaphuhlisa ukuba iselula yindlela elula yokudibanisa izihlobo kwaye iyakwazi nokusetyenziswa ngamakholwa xa efuna ukuthandazisana.
- Umqolo we-10 imbongi isebenzise ubaxo ukuphuhlisa ukusebenza nzima kweselula. Umqolo we-12 uphuhlisa ukuba nangona iselula inemisebenzi emihle kodwa bakhona abayisebenzisela ukwenza izinto ezimbi nobuqhophololo.Umqolo we-13 nowe-14 usebenzise isimntwiso ukucenga iselula ukuba nokuba siyisebenzisa kwizinto ezininzi ezohlukeneyo maze ingadinwa iqhubeke nobubele bayo nokungakhalazi xa ithunywa kwiindawo ngeendawo.
- Umqolo we-15 imbongi iyothulela umnqwazi iselula ngemisebenzi yayo emininzi, Ikwasebenzisa nochasaniso ukuphuhlisa ukuba iselula isetyenziswa kwizinto ezahlukeneyo. **[10]**

## UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UBUYIL, UMAKHANDA: P.M. QNGULE

2.1 Zibuza kwimithombo ngemithombo yolwazi /kubantu ngabantu nangeendlela ngeendlela umkhondo wamathambo kaMakhanda √√ (2)

2.2 YiRobben Island √ (1)

2.3 Kukugxininisa ukuba uMakhanda yinzalelwane yakwaNdlambe √√/ ngumXhosa wamaNdlambe. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

2.4 Ngumbongo mbaliso √ kuba uyabalisa √ /unika imbali√/ sibaliselwa ngendlela umphefumlo kaMakhanda owabuyiselwa ngayo ekhaya. √ (2)

2.5 Sixhalabe/ sibe nethemba √ kuba ukusukela kumqolo we-10 abathembele kuzo izihlwele imbongi ithetha ngokungathi zinesisombululo √√./ kuba ziyabaphilisa ngesisombululo sikaMoya sokuba abagazi limhlophe bangahle baze nesisombululo √√

[Nayiphi na kwezi] (3)

**[10]**

## UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

## UNKOSI UJONGUMSOBOMVU MAQOMA: P.M QANGULE

3.1 Uyoyikeka. √√ (2)

3.2 Uzalwa nguNgqika. √ (1)

3.3 Kukugxininisa ukuba lo ithetha ngaye yikumkani yakwaRharhabe ingumRharhabe nozwane. √√ (2)

3.4 Sisibongo somthonyama √kuba kubongwa inkosi √ / kukho isikhahlelo √/ukulandwa komnombo √ (2)

3.5 Isenza sizive sinegorha √/ sinomntu wokusilwela √ ukuthi uzijul'ijacu, evath'iqaqa kububungqina bokuba wawukhusela lo mhlaba kwabamhlophe ababewuxhwitha kuye. √√

(Nayiphi na kwezi) (3)

**[10]**

**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UGODUKILE UNJINGALWAZI ZITHOBILE SUNSHINE QANGULE: P.M. QANGULE**

4.1 Wasweleka okaQangule oyingqanga yesiXhosa bakhathazeka abasasiqalayo. √√ (2)

4.2 Amaza √/ intshuntshe √/ igqudu √/ izagweba √

(Nayiphi kwezi) (1)

4.3 Ikwenza ngeenjongo zokugxininisa ukuba lo incoma imisebenzi yakhe ngumXhosa kwaye usebenze gqitha ekhonza isiXhosa. √√ (2)

4.4 Sisimbambazelo √/Yi-Eleji √ kuba saziswa ngokusweleka kuka Njingalwazi Sunshine Qangule √/ saziswa ngelahleko √/ siqhayiselwa ngemisebenzi yakhe emihle. √

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.5 Isenza sizive sithuthuzelekile √sikwamkele ukufa kukaQangule √ kuba isigama esisetyenziswayo sesokuthoboza √√ usenza siphole kuba wamkelwe naziingqanga zesiXhosa esele zalishiya eli √√ kuba usixelela ukuba usebenzile ngexesha ebesinaye emhlabeni. √√

(Nayiphi na kwezi) (3)
**[10]**

**ISIHOBE ESINGAFUNDISWANGA (SINYANZELEKILE UKUBA USIPHENDULE)**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**INJENGELE YOMKHONTO WESIZWE: M.G MDLIVA**

5.1 Lizisa intsingiselo yokuba uHani ebongamele emkhosini√/Intsingiselo yokuba uHani wayelijoni elongameleyo emkhosini. √ (1)

5.2 Kukwenza ukuba abantu bayithathele ingqalelo into eyehlileyo √√/ Iveza ukothuka kwesizwe ngumbiko wokusweleka kukaHani. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

5.3 Sisimntwiso. √ (1)

5.4 Zozibini zakhiwe ngemiqolo esi-8. √√ (2)

5.5 UyiPrezidanti yomzantsi Afrika omtsha. √√ (2)

5.5 Ungokusweleka kwenjengele yomkhonto wesizwe uChris Hani. √√ (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI

## INOVELI

### UMBUZO 6 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

### NGENXA YESITHEMBISO: MCEBISI NKOHLA

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha elisekupheleni kwesi sikhokelo sokumakisha ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo**

Lo mxholo umbhali uwuxhasa ngokuthi abeke uDumile ukuba aphande ngezaphuli mthetho eziwophule umthetho ade etha amandla azo. Okwesibini ezi zaphuli mthetho ziwaphule umthetho zade zenzakalisana kwazodwa.

- UDumile uzigqatsela ukuphanda yedwa ngamabanjwa aqhweshe ejele.
- Xa eya kuMhleli ufumanisa ukuba uyabandakanyeka kulwaphulo mthetho kuba isibini ngabatshana bakhe.
- Kwindlela yophando lwakhe ubeka emngciphekweni amanye ala mabanjwa. Ukungqina ukuba alunambuyekezo ulwaphulo mthetho, uNeo zisuka nje waphula umthetho wokuhlutha imoto kaNomvuyo kanti akabhungisanga wafa ngokudubuleka kujijiswano lwale mini.
- UDumile uncina inenekazi eMthatha efuna ukwazi kanobom ngezikrelemqa, ufumanise ukuba baliqela kwaye barhubuluzisa iziyobisi.
- Lamchazela ukuba basebenzisana kunye noNdaba.
- Amapolisa agagene noDada kwidolophu iMaclear amyalela ukuba ame.
- Uye wazama ukubaleka, wadubula emapoliseni. Ngelishwa wachana lalinye ipolisa embonjeni kanti elinye limvelele ngasemva laze lamosela yaba kukusweleka kwalo.
- UTshezi uyabanjwa.
- UDumile uqhuba nophando lwakhe eRhawutini.
- Ufumana indawo yokuhlala ehotele. Inenekazi elinguNontsasa Ngewu kwindawo yokusela Limcela ukuba bazikhuphele kwenye yeerestyu eyayikwalapho eRhawutini. Esaye kuoda, kungena izikrelemnqa zijolise zifuna imali, ubucwebe-cwebe esinye seza kuDumile sifuna ikhamera awayeyiphethe.
- Iqala apho ingxabano athulule iimbumbulu kufike amapolisa athelele zibanjwe izikrelemnqa ezo.
- UNontsasa ufa ngokubulawa sisiqhushumbisi ebesaya kubulala ngaso uDumile.
- Esenza ugqogqo kwaNontsasa ufumana into ethi makayophuthuma iimpahla kwisikhululo seenqwelo moya saseRhawutini,kukhale umnxeba kuthethe uMavis ofuna uncedo kanti uthinjwe zizikrelemnqa.
- Kuthe kanti zimthimbela ukuba zimloba ukuba abuyise idayari ayithathe kwaNontsasa abe sele ekhupha oogxa babo ababambisileyo ukuqala kuDada, ukuba uyasilela ukwenza oko bazokumbulala uMavis.

- Bayalela ukuba angaxeleli mapolisa naliphi na isebe lezokhuseleko kwaye ahambe yedwa.
- UDumile ucela icandelo lezobugwinta nobugewu limlandele.
- Izikrelemqa zifuna izitshixo zemoto, uyazinika zithi xa zisiya emotweni zihlangana namapolisa ziyabanjwa.
- Inenekazi lomLungukazi liyabanjwa kwisikhululo senqwelo moya kufunyanwa ukuba liphethe iziyobisi elalizifake kwibhokisana yesepha engumgubo kwaye kwafumaniseka ukuba liyasebenzisana nezikrelemnqa.
- UDumile ushiya iRhawuti, Liyaxoxwe ityala. UDada, uMhleli, kunye nezikrelemnqa bafumana izohlwayo eziqatha

Bonke abenzi bobubi basifumene isohlwayo, abanye baye bafa loo nto iphuhlisa ukuba ulwaphulo mthetho alunambuyekezo.

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

7.1 Nonogada. √ (1)

7.2 Kukufumama iinkcukacha malunga nokuqhawula kwamabanjwa. √√ (2)

7.3 Luzobo ngqo. √ kuba sixelelwa ngqo asifuniseli ukuba uTshezi ungumntu onjani. √√ (3)

7.4 Ziinjongo zokuzifihla ukuze angaqapheleki ukuba ungumcuphi √√/ Kungokuba kaloku umcuphi kufuneka azifihle kwiimeko ezithile ezinokubeka ubomi bakhe esichengeni. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.5 Yingcinga yokuba wayenoloyiko lokuba ingenzeka kuthi kanti uyaziwa nguTshezi √√/yingcinga yokuba wayenalo uloyiko lokubhaqwa ukuba uthetha ubuxoki. √√

(Nayiphi kwezi.) (2)

7.6 Saba sihle kuba wawufumana umkhondo wamabanjwa aqhweshileyo. √√ (2)

7.7 Akanyanisanga kuba wayeyinxalenye kwiyelenqe lokubulawa kukaDumile √√/ wayesebenzisana nabo aba babemdubule kwaye injongo yabo yayikukubulala uDumile. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.8 Sisekubeni lo Sasa uzenza umhlobo wakhe nguye ongunobhala kwiyelenqe lokubulawa kukaDumile √√/ Sisekubeni lo Sasa uzenza umhlobo wakhe useza kuzama ukumbulala ngesiqhushumbisi. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.9 Hayi akalomelo luchanekileyo kuba asingabo bonke abantu abangamabhinqa abangcolileyo njengaye. √√/ Kaloku kukwakule ncwadi apho kukho nooNomvuyo abantliziyo ntle kanti nooMavis. √√/ kuba USasa umele imbinana yamabhinqa akhoyo kumaqela emigulukudu. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

7.10 Kwinqanaba loyondelelwano lwezinto √ kuba impixano iya ikhula ngokukhula kwaye izimo zabalinganiswa ziyadula nanjengoko sidula esikaSasa kwesi sahluko. √/ kukho ukuhlelana kwabalinganiswa √ nanjengoko ecaca uSasa ukuba ungoweliphi icala √

(Naluphi uphawu loyondelelwano lwezinto oluxhaswe ngokuchanekileyo) (2)

7.11 Sesokuthabatheka azibone sele esezingalweni zikaSasa. √√ (2)

7.12 Kwityeli lokuqala wayenceda uNomvuyo kuNeo owayexhwila imoto yakhe waze wadubuleka √ Kwityeli lesibini kwangena izikrelemnqa kwenye yeerestyu eRhawitini awayehleli kuyo noSasa zamdubula wadubuleka. √

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)
**[24]**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)**

**UMTHOMBO WOBOM-NONDUMISO MDEKAZI, TOMMY KABANYANE**

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina. bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekumaphepha asekupheleni kwesi sikhokelo ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo:**

Uncwadi lwemveli luthi ludlale indima enkulu ekuphuhliseni intlalo nenkcubeko yoluntu kwaXhosa. Luneendidi ngeendidi ezifana nezi zilandelayo: Iingoma, Izibongo neentsomi.

**Iingoma**

- Iingoma ziziindidi ngeendidi: Kukho iingoma ezingentlungu – Olu hlobo lweengoma luthi luvunywe ngulowo unentlungu ethile, kuze kubekho nabo balandelayo becebisa okanye bevelana nale ntlungu. Inkoliso yabantu abathi bavume olu uhlobo lwengoma ngabantu abangoomama abasukuba bephatheke kakubi emizini yabo.
- Kwakolu didi zikho ezo zivunywa kwangoomama bephalaza intlungu yokuhlutshwa ngabantwana babo, ngokwenza njalo bezama ukuphungula loo ntlungu.
- Zikho iingoma zolonwabo ezithi zivunywe xa kukho imisitho efana nemitshato, imitshotsho nemigidi njalo-njalo. Nazo ezi ngoma ziziindidi, kukho ezolonwabo lolutsha, izidlalo zabafazi, nezolonwabo lwabantwana. Eyona njongo yezi ngoma kukonwabisa.
- Kukho iingoma zokukhuthaza ukuba makusetyenzwe njengeengoma zokulima, olu uhlobo lweengoma luthi luwenze ube lula umsebenzi.
- Zikhona neengoma zomzabalazo – Zona ezi ngoma ziqulatha umyalezo othile odla ngokubhekiswa kwabasemagunyeni xa kukho izinto ezingahambi kakuhle entlalweni, emisebenzini nakwilizwe jikelele.

**Izibongo**

- Izibongo zomthonyama zithi zidlale indima enkulu ekudluliseni umyalezo othile othi udluliswe yimbongi. Iimbongi zomthonyama zinoxanduva kuba isizwe siphela sixhomekeke kuzo.
- Imbongi isenokubonga inkosi iyincoma okanye iyigxeka ngezenzo zayo. Yiyo loo nto imbongi yomthonyama kufuneka ibe ngumntu onolwazi oluphangaleleyo ngokuqhubekayo ekuhlaleni.
- Imbongi iyawabonga namaqhawe iwatyibela ngemisebenzi yawo emihle ayenzele isizwe.
- Iyabonga nangezinto ezisingqongileyo izama ukusibonisa ukubaluleka kwazo, izinto ezifana neentaba, imilambo nemithi ebalulekileyo.
- Ikwabonga ngeziganeko ezibalulekileyo ezithe zashukumisa ilizwe nokuba zibi okanye zihle.
- Iyakwazi ukulumkisa isizwe ngento ethile engumtshabalalisi esizweni, umzekelo utywala neziyobisi.
- Imbongi iye ibonge nangezinto zopolitiko ingakumbi ezithi zichaphazele intlalo yoluntu, njengokuphatheka kakubi kwabantu.
- Ezinye izibongo ziyathuthuzela xa ubani okanye isizwe sihlelwe lilifu elimnyama.

**Iintsomi**

- Mandulo phaya uncwadi lwemveli belukade lungabhalwa, belusakuba luncwadi lomlomo. Iintsomi zilolunye udidi loncwadi lwemveli, zona zithe zadlala indima enkulu ekunqwanqwadeni izimilo zabantwana abasakhulayo.
- Umbalisi ongumakhulu ebesithi kwakuba kugqitywe ukwenziwa imisebenzi yekhaya ngumntu wonke aqokelele abantwana bathi nqwadalala phambi komlilo eza kubabalisela iintsomi.
- Injongo eziphambili zezi ntsomi ibikukufundisa abantwana indlela yokuziphatha ebomini, bakhule bekwazi ukwahlula okulungileyo kokungalunganga.
- Ezinye iintsomi bezibalungiselela ingomso ukuze bazi ukuba kubalulekile ukuziphandela ungumntu kwaye izinto eziza lula ziyingozi.
- Kwakwezi ntsomi kukho ezo bezisithi zibafundise ngemvelaphi yezinto zasendalweni.
- Kukwakho iintsomi ezingembali nezo zingezilwanyana ezithi zibafundise ngobulumko nobudenge bezilwanyana ezithile.
- Zikwakho neentsomi ezibaliselwa ukonwabisa kuba kaloku entlalweni yomntu akufuneki usoloko unxunguphele.

**(Nayiphi na impendulo echanekileyo)** **[25]**

**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**UMTHOMBO WOBOM-NONDUMISO MDEKAZI,TOMMY KABANYANE**

9.1 USihlalo wentlanganiso yezilwanyana yayinguMfene√ (1)

9.2 Kwathi ke kaloku ngantsomi, isiqalo sentsomi √/ izilwanyana ziyathetha/ zinamagama okwabantu √ zenza izinto ezenziwa ngabantu √, zibamba iintlanganiso √

(Nasiphi isibini kwezi) (2)

9.3 Yabetha intlazane seziphelele √/ zaphuma ngendlu √ / ukuthobela ziye entlanganisweni. √

[Nayiphi na kwezi] (1)

9.4 Ngenjongo yokubonisa ubude beNtetho awayenzayo uMfene ngemini yentlanganiso √√/kukubonisa ukuba uMfene wathetha kakhulu. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

9.5 Ayizange izaliseke kuba uDyakalashe zange ahambisane nesigqibo sentlanganiso. √√ (2)

9.6 Ojongela phantsi ezinye izilwanyana √/ oziphakamisileyo √

[Nayiphi na kwezi] (1)

9.7 Sinxulumana kuba uDyaki waziwa ngamaqhinga nakule ntsomi ubonise ezo mpawu zatsho zasulelwa kuwo wonke umntu ozimbo zifana nezakhe ngesi saci. √√ (2)

9.8 Yimfundiso yokuba ungabokubajongela phantsi abanye abantu √√/Musa ukuzenza ngcono kunabanye abantu √√/Ungabowudela umqulu iiyadi ungazibalanga. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

9.9 Kudidi lwezibongo ezingamaqhawe √ /kuba sibonga ngesenzo sobuqhawe sikaDalibhunga √/kuba kubongwa iqhawe. √ (2)

9.10 Yimvano siqalo √ kuba isandi esiphindiweyo sisekuqaleni kwale miqolo. √ (2)

9.11 Okwentaka √ Sisifaniso. √

9.12 Yintsingiselo yokuba nabantu abamhlophe baye bamthobela bamvuma ukuba uyinkokeli √√/nabantu abamhlophe baye bamhlonipha √√/nabantu abamhlophe bamthobela. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

9.13 Umxholo walo mbongo ungoMandela owalwela inkululeko yabantu abantsundu.√√ (2)

9.14 Kukuncoma imisebenzi yobuqhawe eyenziwa nguDalibhunga. √√ /
Kuwazisa abantu ngemisebenzi yobuqhawe kaNelson R. Mandela. √√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo] (2)

**[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B 25**

## ICANDELO C: IDRAMA

## UMBUZO 10 (UMBUZO OSISINCOKO SONCWADI)

## NATHI SINGABANTU: C.S HOBONGWANA

- Apha ngezantsi sisikhokelo sokuphendula esi sincoko, sisebenzise njengesikhokelo kuphela.
- Mazamkelwe iimpendulo ezahlukileyo nezichanekileyo ezibonisa ubungqina bokucinga nzulu nokutolika ngendlela eyahlukileyo.
- Uluhlu lwemizekelo lunokusetyenziswa ukuxhasa izimvo zabo.
- Jonga kwirubrikhi ekwiphepha elisekugqibeleni ukuhlola lo mbuzo.

**Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:**

Umbhali kulo mdlalo ubonakalise ukukuchasa ukuphathwa gadalala kwabantu abahlelekileyo namaqaba, Loo nto siyibona ngokunika uNohenjisi ongumlinganiswa oyintloko amandla angummangaliso okulwa nalo mkhwa.

- UNohenjisi zisuka nje ukuchasile ukuphatheka gadalala kwabantu abangenanto ngabantu abafundileyo
- Umele umyeni wakhe ngelithi imfundo yabo yeyani xa besoyiswa kukuza nesisombululo sokwabelana ngomhlaba.
- Ummele umyeni wakhe onguSopolitiki ngelithi baxakwa kukubhala imithetho emitsha.
- Uvula umlomo malunga norhwaphilizo alubonayo apho imali kaRhulumemte ingasetyenziselwa ukwakha izikolo, iikliniki, izibhedlele ngakumbi ukusebenzisa ulwimi lwakhe buqu umntu.
- Uyayimela eyokusebenzisa ulwimi lwakhe kude kuye esiphelweni apho ade wavunyelwa yinkundla wade kwabhalwa kwaphunyezwa umthetho wokusebenzisa ulwimi ngokukhululekileyo ezinkundleni.
- Ukumele ngomzimba ongenaxhala ukusetyenziswa kwamasiko nezithethe zakwaNtu nokuba abantu bayakhumsha.
- Uyawamela amalungelo abafazi nokuxhatshazwa kwabantu abangamaqabakazi ngabantu abathi bafundile ngempumelelo apho kusetyenziswe inkosikazi yomyeni wakhe angakhange ayiphe thuba oko batshata.
- UNohenjisi wenziwa avelele ngengqondo kuNokwakha kuba uyavuma ukuba umntwana wakhe athathwe nguNokwakha esazi ukuba yena ufuna afunde isiNgesi.Inik’inika.
- Xa esayina amaphepha okunikezela umntwana kuNokwakha ubeka u-X emaphepheni ezazi ukuba uyakwazi ukusayina.
- Ivela enkundleni into yokuba kanti uyakwazi ukubhala igama nefani yakhe.
- U-X akanasihlahla kuba yena uyakwazi ukubhala, uma emkhumbini acele onke amaqaba amxhase.
- Uyaphumelela ukwenza ukuba umntwana wakhe odlwengulweyo ancedeke ngokuthi angayiqhusheki phantsi kwetafile into yokuba intombi yakhe idlwengulwe nanjengoko omnye umntu ebeya kwenza kumntwana ongakwazi nokuzithethela ingakumbi xa isenzo eso senziwe nguSopolitiki owaziwayo.

- Uyaphumelela ukusindisa uNkosunaye xa edliswa ngokuthi angavumi ukuba anyanzelwe ngokutya suka acebise ukuba kunikwe inja kutsho kuvele ngokufa kwenja ukuba ukutya bekufakwe idliso wabe uyaphumelela ukusindisa umntwana wakhe.
- Konke oku ukubonakalisa ngokuba ngumama onomqaphela kumntwana wakhe ngokuthi ayazi into engaqhelekanga naqalayo ukuyibona emntwaneni wakhe.
- Isithethe sikaNtu uyasisebenzisa simncede uNohenjisi kuba xa kufika umbiko wokufa komntwana wakhe akavumi ukulungiselela umngcwabo engabonwanga umntwana ngeli xesha umyeni wakhe agcadiyayo efuna kulungiselelwe ukumngcwaba engambonanga enjalo. Ukhalima alungelwe nalapha uNohenjisi.
- Amagama abantwana bakhe ngamagama okhuselo uBaphantsi, uNkosunaye anjongo ikukuqinisekisa ukhuselo oluluqilima ngaphaya kwawakhe amandla iminyanya kunye noThixo.
- UNokwakha xa engasavumi nomntwana, uNohenjisi uyammangalela.
- UNokwakha unegqwetha, uNohenjisi enkundleni ushiyeka emi yedwa kuhleliwe.
- UNohenjisi ubetha ngenqindi phantsi ngelithi ityala lakhe malithethwe ngesiXhosa kwaye akafuni nokutolikelwa elizweni lakhe Noxa ehlekwa uyazingisa ade aphumelele. Kuthe kanti kukuqala, ezimbalini ukuthethwa kwesiXhosa kwinkundla yejaji yalandela imithetho evulela oku.
- UNohenjisi uvakalisa elubala ukuba lilungelo lakhe ukusebenzisa ulwimi lwakhe naphi na ngokomgaqo siseko.
- Liyathethwa ityala aphumelele uNohenjisi ohlule isifundiswa esinguNokwakha.
- Ulwela ukuba umntwana wakhe nabanye bangaze bayekwe bangawenzi amasiko abo avulelwe.
- Uyemisa enkundlleni abantu bengqina ukuba bafuna konke okuphucukileyo ezilalini athi noko engakhange azibandakanye kupolitiko afumane iivoti ngokumela amalungelo abantu basezilalini ukuba bafumane iikliniki izikolo izibhedlele njalo-njalo.
- Isigulo sakhe sezifundiswa ezizidenge sinyangekile kuba umthetho uzingqinile zonke izinto abezikhalazela, kwaze kwenziwa utshintsho. **[25]**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**NATHI SINGABANTU – C.S. HOBONGWANA**

**ISICATSHULWA E**

11.1 UNtshebe lixhwele likaSikhulu. √ (1)

11.2 Umdlwengule √ wamfunela abantu bokumtyisa ityhefu. √ (2)

11.3 Isinika ulwazi ngentshukumo kaNtshebe. √ (1)

11.4 Athetha ukuba into emkhathazayo ingaphakathi ekhaya okanye uzikhathaza kwangokwakhe eyesibini ingaphandle kwekhaya / ukhathazwa nguNkosunaye noMpilo √√ (2)

11.5 Ungumntu oxabise isikhundla sakhe kuphela akaxabisanga nobomi bomntwana ongowesinqe sakhe √√/ Angabulala nowakhe kunokuba angasifumani isikhundla sepolitiki. √√ (2)

11.6 Sesokutyisa uNkosunaye ityhefu √√/ Sesokufakwa kweziyobisi emotweni kaMpilo. √√

[Nayiphi na kwezi] (2)

11.7 Yimpixano yangaphandle √ kuba ubonakala enenzondo ngakwesi sidalwa ezimisele ukusilwa. √ (2)

11.8 Ipolitiki ibe nefuthe elibi kuba imenze uSikhulu wadela ubomi babantwana bakhe waba uyabanjwa wavalelwa sehla isidima sakhe. √√ (2)

11.9 Sesokuba kuthethwa isiNgesi. √ (1)

11.10 Wanyanisa kuba wafika wayimisa mantsantsa inkundla efuna ilungelo lakhe lokuthetha ngesiXhosa walinikwa. √√ (2)

11.11 Ukhokele umngcelele ohambisa izikhalazo epalamente √/Umele ukutshintshwa umthetho wokuthethwa kwesiNgesi kwiinkundla zamatyala √/Ulwe ukujongelwa phantsi kwamaqaba nabantu abahlelelekileyo. √

(Nasiphi isibini) (2)

11.12 UNohenjisi ukholelwa kukhuselo lwabantwana ukuze kube kukhululekiwe ukanti uSikhulu ukholelwa kuxinzelelo lwabantwana ingakumbi abazizidalwa √ (2)

11.13 Abalinganiswa bayazithethela √/ ibhalwe ngohlobo oluyingxoxo yabalinganiswa. √ (2)

11.14 Saba sesilungileyo kuba umntwana ulilungelo kumzali wakhe ukanti nomzali ngokunjalo. √√

Sasingalunganga kuba uNohenjisi wayeyenze into yokusayina ngeenjongo ezingafanelekanga wayefanele ukuba usayine ngokwakhe xa kanti wayekwazi ukusayina √√

(Nayiphi impendulo echanekileyo) (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 25**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

## ICANDELO A: IRUBRIKI YESINCOKO SONCWADI: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **5–6** | **4** | **3** | **2** | **0–1** |
| Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo indlela azakuzela ngayo ingxoxo ukuwulandela kakuhle umhobe.<br><br>**6 AMANQAKU** | -Isihloko sitolikwe ngokunzulu.<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo Kusetyenziswa isihobe<br>-Impendulo ibonisa ulwazi olugwesileyo lwesihobe. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo<br>-Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko bekufanelekile<br>-Impendulo ibonakalisa ulwazi lwesihobe. | -Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo<br>-Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle<br>-Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo<br>-Impendulo ibonakalisa ulwazi olusisiseko sesihobe. | -Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo<br>-Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko<br>-Impendulo ibonakalisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe. | -Akanalwazi kwaphela ngesihloko<br>-Impendulo ayikho mxholweni wesihobe.<br>-Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe. |
| | **4** | **3** | **2** | **1** | **0–1** |
| **ISAKHIWO NOLWIMI**<br><br>Isakhiwo, ukuthungelana kwezimvo nendlela yokubhala. Ulwimi ithoni nesimbo sokubhala isincoko<br><br>**4 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo<br>-Ulwimi ithoni, nesimbo zivuthiwe, zinomtsalane zichanekile<br>- Igrama, upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana<br>-Ukuthunegelana kwengxoxo kuyalandeleka.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo zichanekile ubukhulu becala. | -Bukho ubungqina besakhiwo<br>-Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana Kwezimvo.<br>-Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko.<br>-Bukho ubungqina beziphene zolwimi.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga. | -Isakhiwo sife amanqe<br>-Iziphene zolwimi ezingamkelekanga konke konke nesimbo esingachanekanga |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa akawuchaphazelanga nakancinci umxholo, ubhale nje isincoko makanikwe i-0 kumxholo, isakhiwo nolwimi.

## ISIHLOMELO B: AMACANDELO B NO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA ISINCOKO SONCWADI- INOVELI NEDRAMA [25 AMANQAKU]

| Imiqathango | Egqwesileyo | Esemagqabini neqaqambileyo | Eyanelisayo nefanelekileyo | Eyinxalenye | Engaphumelelanga |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO** | **12–15** | **9–11** | **6–8** | **4–5** | **0–3** |
| **15 AMANQAKU** | -Impendulo igqwesile. 14–15<br>-Impendulo ebalaseleyo. 12-13<br>-Ukutolikwa okunzulu kwesihloko<br>-Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa uncwadi.<br>-Ukuqonda okubalaseleyo kwejenre netekisi. | -Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo.<br>-Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo. Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile.<br>-Impendulo ibonisa ulwazi lwejenre netekisi. | -Impendulo iphakathi, asiyiyo yonke imiba ekungenwe kuyo nzulu.<br>-Akho amanqaku asixhasa ngokufanelekileyo isihloko<br>-Ezinye izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abusoloko busamkeleka.<br>-Ulwazi lwejenre/netekisi alugqibelelanga. | -Buncinane ubungqina obubonakalisa ukusazi isihloko yaye kunqabile ukungena nzulu kwimiba ekubhalwa ngayo.<br>-Ambalwa amanqaku axhasa isihloko.<br>-Iimpendulo ezichanekileyo zimbalwa kakhulu.<br>-Luncinane ulwazi ngejenre netekisi. | -Buncinci kakhulu ubungqina obububo ukuqonda isihloko.<br>-Iimpendulo zisilele kakhulu ukuphendula umbuzo.<br>-Izimvo zibekwe ngendlela engacacanga konke konke.<br>-Alukho kwaphela ulwazi lwejenre netekisi. |
| **ISAKHIWO NOLWIMI** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| **10 AMANQAKU** | -Isakhiwo siyathungelana.<br>-Intshayelelo nesiphelo esigqwesileyo.<br>-Ingxoxo yakheke ngokufanelekileyo yaze yakhuliswa ngokucacileyo<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sivuthiwe, sinomtsalane, sichanekile. | -Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle.<br>-Intshayelelo nesiphelo kunye nemihlathi zicwangciswe ngendlela edala uthungelwano.<br>-Izimvo zithungelana ngokuchanekileyo.<br>-Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala sisetyenziswe Ngokuchanekileyo ikakhulu. | -Bukho ubungqina besakhiwo obungagqibelelanga.<br>-Unamathelelwano nothungelelwano lwezimvo lukho, kodwa kukho iziphene.<br>-Zikho iziphene zolwimi ezithile, ithoni, nesimbo sokubhala sichanekile ikakhulu.<br>-Imihlathi ichanekile ikakhulu. | -Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo.<br>-Izimvo azithungelelani kakuhle.<br>-Iziphene zolwimi ziyabonakala.<br>-Ithoni nesimbo sokubhala asichanekanga.<br>-Imihlathi ineziphene. | -Ukungabikho koyiloo kwenza ukuba kungabikho thungelelwano lwezimvo.<br>-Iimposiso zolwimi nesimbo sokubhala esife amanqe kwenza ukungavakali kokubhaliweyo.<br>-Ayichanekanga ithoni nesimbo sokubhala<br>-Ulwakhiwo lwemihlathi ludlakadlaka. |
| **AMANQAKU** | **20–25** | **15–18** | **10–13** | **6–8** | **0–4** |

**QAPHELA:** Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepa lesithathu, mnike u-0.